AL HIDAYAH CENTRE
EASTERN CAPE

# ILIZWI LE-ISLAM

NEWSLETTER *isiXhosa*


ISSUE 8 - FEBRUARY 2020

*Inside this issue*

**MOTIVATION:**
AMATYE OMFANA

**BIOGRAPHY:**
HAZRAT TALHA IBN UBAIDULLAH RADHIALLAHU ANHU

**LIFESTYLE:**
IXESHA LOKUBA ULILE




XHOSA PUBLICATION

**TAYSEERUL AQAAID**
Basic Islamic Beliefs in the Xhosa language

Download pdf or audio:
http://alhidayah.co.za/tayseerul-aqaaid/

XHOSA RESOURCES:

XHOSA TAFSEER AUDIO
http://alhidayah.co.za/xhosa-tafseer/

XHOSA NEWSLETTER
http://alhidayah.co.za/ilizwi-le-islam/

# GADA ULWIMI

U-Allah Ta'ala uthi kwiQuran eNgcwele:

Asimenzelanga amehlo amabini na? Ulwimi nemilebe emibini? Sambonisa iindlela ezimbini (zokuya empumelelweni). (90:8-10)

U-Allah Ta'ala usichazele kwiQuran eNgcwele ukuba amehlo esinawo ngu-Allah Ta'ala osinike wona,amehlo nawo siwanikwe nguYe kuquka nemilebe yethu. Izenzo zethu zonke sinoxanduva ngazo kwaye sizaphendula ngako konke esikwenzileyo, izinto esizithethayo, izinto esizimamelayo,indawo esiya kuzo nako konke esikwenzayo. Imini yomGwebo yiMini apho kuyakubuzisiswa umntu ngazo zonke izinto awazenzayo kodwa ngokunjalo umntu owenze okuhle uzakuvuzwa ngazo nakanjalo ngezeno ezingalunganga uzakohlwaywa. Xa sizakuvuzwa okanye sohlwaywe ngezenzo zethu kubalulekile ukuba siqnisekise ukuba amalungu wethu omzimba siwasebenzisa ngendlela elungileyo, kuba ngemini yomGwebo nawo amalungu wethu omzimba azakungqina ngokuchasene nathi okanye angqine ngokusithethelela.

U-Allah Ta'ala kwakhona kwiQuran eNgcwele uthi: Ngemini (Imini yomGwebo) apho amalwimi abo, izandla zabo neenyawo zabo ziya kungqina ngokuchasene nabo ngoko bakwenzayo. (24:24)

Xa umProfethi sallallahu alayhi wasallam wayechaza ukuba yintoni na iimpawu ze Muslim yokwenyani wathi: “Ngulowo zithi ii Muslim zizive zikhuselekile kwilwimi nakwizandla zakhe.”

Indlela engcono yokukhusela ilwimi ukuba lingenzi nto ongalunganga kuba siyivavanye into phambi kokuba siyithethe. Kwenye ihadith uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam wathi xa ebuzwa kuba yintoni na ekhokelela kusindiso? IWaphendula uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam wathi: Indlu yakho mayibe banzi ngokoneleyo (ukuba woneliseke yiyo), Ulwimi lwakho lugcine luphantsi kolawuleko (qinisekisa ukuba lonto uyithethayo akusayi kuzisola ngayo ngenye imini), kwaye uthe wona Lila ungxengxeze ku- Allah ukuba akuxolele kweso sono sakho.

Kwenye ihadith uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam uthi: Lowo undiqinisekisayo ukuba uzakuwasebenzisa ngendlela evumelekiyo la malungu mabini (elo lungu liphakathi kwemilenze kunye nelo liphakathi kwemihlathi(Ulwimi), ndimthembisa nge Paradesi. Umbhali ebhala Ulwimi isayizi yalo incinane kodwa izono elizenzayo zikhulu. Kwakhona xa sijonga kuthiwa ubungozi nobuzaza benxeba neentlungu ezenziwa ngumntu ongaqiqiyo phambi kokuba athethe, bungaphezulu kwenxeba elenxiwe ngekrele. Isizathu sokuba ubuzaza belwimi bubebukhulu kangaka kukuba inxeba lekrele liyaphila ude ulibale ukuba wakhe wanenxeba kulo ndawo, kodwa inxeba olufumene ngentetho engaqiqisiswanga intlungu yelo nxeba ayipheli.

Ukuze ukhuseleke emhlabeni ngokwa semzimbeni nangokwase mphefumlweni thetha xa kuyimfuneko kuphela.

## XHOSA TAFSEER CLASSES

PORT ELIZABETH | WEEKLY | Males and females
Conducted by Al Hidayah Centre

**Masjid Zikrullah, Ngadla Street, Motherwell**
Sundays after Zuhr

**Al Fidaa Musalla, Marikana**
Mondays after Maghrib

**Kwazakhele Jamaat Khana, Vuku Street**
Tuesdays after Maghrib

BIOGRAPHY

# UBOMI BUKA TALHA IBNI UBAIDULLAH

(RADHIALLAHU ANHU)

Igama lakhe yayingu Talha bin Ubaidullah bin Amr bin Ka'ab. Umnombo wakhe udibana noka Abu Bakr kuKa'ab bin Sa'ad. Wathi ukomkela nje i-Islam, azange ajonge ngasemva,Koko wazinikezela kwi -islam ngokupheleleyo. I- Islam wayomnkela ezandleni zika Abu Bakr RadhiAllahu Anhu.

**Ubugorha Bakhe (His Bravery)**

Ngemini yeBadr azange akwazi ukuthabatha inxaxheba kuba waye seluhambeni eSyria. Ekubeni ebuyile eSyria waya kumProfethi sallallahu alayhi wasallam, wabuza ukuba ngesakhe isabelo sezinto ezifunyenwe eBadr. URasoolullah sallallahu alayhi wasallam wathi: “Sikhona nesakho isabelo.”Waqhubekeka wathi isabelo sam(selixa elizayo)? uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam wathi:Nakwixa elizayo unaso isabelo.Ngenxa ubalwa ngokuba wathabatha inxaxheba eBadr ngenxa yalamazwi kaRasoolullah sallallahu alayhi wasallam.

**Ngemini ye Uhud (The Day of Uhud)**
Rhoqo kuthethwa Ngemini ye Uhud u-Abu Bakr RadhiAllahu Anhu wayedla ngokuthi “leyo yiMini kaTalha” Ngalo mini wakhusela uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam ngobugorha. Walwa wada ngenxa yamanxeba amaninzi emzimbeni wakhe waziva ebuthathaka. Iintombi zakhe ezimbini u-Aisha no-Ummi Ishaaq RadhiAllahu Anhuma zathi: Utata wazo (Talha) wafumana amanxeba angamashumi amabini anesine ngemini ye Uhud, kuquka nokuchachamba kokhakhayi.

**Ukuba nesisa Kwakhe (His Generosity)**
Wayesaziwa ngokuba nesisa kwakhe.

Ngaminazana ithile kwafika iBedouin kuye izokuboleka imali.UTalha RadhiAllahu Anhu wathi kuyo:

“Akukho mntu wakhe wandicela lento uyifunayo Ndinomhlaba u-Uthman RadhiAllahu Anhu andithembise ukundibhatala 300,000. Ukuba ukulungele ukuyithabatha, ndiyakuwuthengisa lo mhlaba ku Uthman ze ixabiso lawo ndilinike wena.”

**IBedouin Yathi:**
“Ndinike elo xabiso.” Njalo waba uyawuthengisa umhlaba wakhe ku Uthman RadhiAllahu Anhu, waza lo Mali abhatalwe yona wayinikezela kulo Bedouin.

Wasweleka ngexesha leKhalifa u-Ali RadhiAllahu Anhuma.

INSPIRATION

# AMATYE OMFAMA

Ngamini ithile umfama xa elungisa umhlaba wakhe khona ukuze atyale. Wathi xa egrumba ngomhlakulo waqaphela ukuba umhlakulo wakhe uyabambeka rhoqo.Ngenxa yokukhwanqiswa koku , waya wagrumba nzulu wada wafumana ibhokisi enkulu emnyama. Msinyane wayivula lo bhokisi ukujonga ukuba kukho ntoni na phakathi,kodwa wadana akubona ukuba phakathi kule bhokisi kukho amatye amnyama. Ngodano olukhulu wathatha isigqibo sokuba uzawasebenzisa lo matye ekugibiseleni Iintaka ezazimkhathaza kwisilimo sakhe xa evuna.

Ngaminazana ithile umntu owayegqitha kuloo masimi kwawa phambi kwakhe amatye amabini.Lo mntu wawachola lo matye wabuza kumfama lowo angamthengisela na lo matye nge $5,000 ilitye ngalinye? Lo mfama kuba wayecinga ukuba lo mfama uyaqhula wala ukumthengisela ekuqaleni.Lo mhambi wacacisa ukuba lawo ngamatye exabiso . Umfama waya walila kuba ngoku kuloo matye ebenawo kusheke lawo mabini kuphela amanye onke wawalahla.

Amatye lawo afana nemizuzwana yobomi bethu. Silahla imizuzwana yobomi bethu kwindawo le yonke njengokuba wenzayo lo mfama. Kodwa ngemini yomGwebo kulapho siyakukhala ngayo kuba sizisolela ukuba singalisebenzisanga kakuhle ixesha lethu emhlabeni.

Nali ixesha lokuba sibusebenzise ngendlela eyiyo ubomi bethu.

# INSIGHT INTO FIQH
# DIFFERENCES IN TAHAARAH

## Omahluko abakhoyo phakathi kweHanafi ne Shafi Mathab malunga nococeko

**UKUNGENA NZULU KWI FIQH**

**1) Fardh ye Wudhu**
Shafi: IFardh zeWudhu Zintandathu ziquka i-intention kunye nokuhlamba amalungu omzimba ngokulandelelana.

Hanafi: Izinto eziFardh kwiWudhu zine, i-intention kunye nokuhlamba amalungu omzimba ngokulandelelana Kona kuyi Sunnah.

**2) Ukugqithisa isandla esimanzi entloko**
Shafi: Ku Fardh ukugqithisa isandla esimanzi entloko indawana encinane.

Hanafi:Ku Fardh ukugqithisa isandla esimanzi entloko indawo elingana nekota yentloko.

**3) Umlomo nempumlo**
Shafi: Kuyi Sunnah ukuphosa amanzi owakhe ngesandla esinye emlonyeni nasempumlweni.

Hanafi: KuyiSunnah ukuphosa amanzi empumlweni nasemlonyeni ngezandla ezigcweleyo ezahlukeneyo.

**4) Ukuhlamba ugqithise**
Shafi: Kuyi Sunnah ukuhlamba ngokugqithisileyo kuno mlinganiselo obekiweyo,umzekelo ,ukuhlamba ugqithe engqinibeni nasemaqatheni.

Hanafi: KuMakrooh ukuhlamba ugqithise kumlinganiselo obekiweyo.

**5) Ulala:**
Shafi: Ukuba umntu uthe walala ehleli ngempundu emhlabeni,iWudhu ayophuki nokuba woyame entweni.

Hanafi: Ukuba umntu ulele oyamile entweni iwudhu iyophuka.

**6) Ukuhlangana kwezikhumba**
Shafi: Ukuhlangana kwezikhumba zomntu oyindoda nobhinqileyo, ekuvumelekileyo ukuba bangatshatana, kwaye ingabi kumntana, iWudhu iyophuka.

Hanafi: Iwudhu ayophuki xa kudibene ngesikhumba umntu oyindoda nobhinqileyo.

**7) Ukubamba ilungu langasese**
Shafi: Ukuba umntu uthe wabamba ilunga lakhe langasese okanye ilungu lo mnye umntu kuquka nabantwana ngomphakathi wesandla iWudhu iyophuka.

Hanafi: IWudhu ayophuki xa uthe wabamba ilungu langasese lakho okanye ilungu lo mnye umntu.

# IXESHA LOKUBA ULILE

**(SIYAQHUBEKEKA)**

Ukulila ngexesha elifanelekileyo yindlela eyiyo yokuzama ukusondela ku Allah.

**XA UFUNDA IQURAN**
U- Imaam Nawawi Rahmatullah Alayhi ubhale ukuba ukulila xa ufunda iQuran luphawu lokuba uyoyika ukuzibizela umsindo ka-Allah. IQuran eNgcwele iyabancoma abantu abalilayo kwaye bazithobe xa besiva ivesi ze Quran kwiindawo eziliqela: 19:58, 17:107.

U-Abu Bakr Radhiallahu Anhu wayelila xa esiva iQuran ifundwa, ngokunjalo uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam naye walila xa esiva iSahabi Ibni Masood efunda iQuran. (Shamaail Tirmizhi, 44:306)

**UKULILA XA WONILE**
Ihadith ichaza: Lowo uthi akukhumbula izono zakhe zimenze alile, u-Allah uyamthanda lowo wenza oko.

U -Ibni Qayyim uchaza ukuba, "Ukulila komoni kuyathandwa ngu- Allah Ta'ala ukogqitha ukudumisa u-Allah komntu ozigwagwisayo ." (Madaarij as Salikeen , 1:177-8)

**UKUNQWENELA UKUDIBANA NO-ALLAH**
UmProfethi u-Shuaib Alayhis salaam xa wayebuzwa kuthini elila nje, Ulila kuba usoyika isihogo okanye kuba unqwenela iParadesi? Waphendula wathi, ndilila kuba ndinqwenela ukudibana no Allah.

**UKULILA KUBA UBULELA**
Ngamini ithile unkosikazi kaRasoolullah sallallahu alayhi wasallam uAisha radhiAllahu Anhu uchaza ukuba uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam ngabusuku buthile wathandaza ubusuku bonke, elila. Yena wabuza kutheni ulila kangaka nasekubeni zonke iimpazamo Zakho zaxolelwa ngu-Allah. Yena sallallahu alayhi wasallam waphula wathi, Ingaba akufanelanga ndibe sisicaka sika Allah esinombulelo? (Shamaail Tirmizhi, 39:249)

## POETRY
# BLACK AND MUSLIM

*by Hafsah Mbotoli*

Do you know what it feels like to have your entire belief
system overload with doubt?
To never know the day that you would finally live beyond
the shadow of doubt.
Every night I lay my head down to sleep, the city of my
mind is attacked by a legion of questions threatening the
living rooms of my sanity and holding them hostage.
I am an open book judged by my cover.
I remember sitting in a classroom and the only thing being
tested is my faith in Allah.
I remember when I was in a taxi on my way home, when I
was physically abused by an old man because I was black
and Muslim.
As if my skin invalidates my faith.
Injustice in this world is just to prove that this world isn't of
justice it just is.
I have lived in darkness for so long.
Sometimes I desperately want what the Imam is saying to
be true, but my doubts are preaching a sermon of their
own and the streams of my tears turned into a sea of
frustration.
Over and over I dwell on this issue.
Watching time go by just added to the pain.
I am too tired to be honest.
And I am too hurt to pretend.
It is getting kinda heavy.
I cannot handle all the baggage.
I try to make you understand, but you don't even care how I
feel.
I feel like I am talking foreign telling you something
important but you take my words and ignore them.
I try to show you that I am Black, but I can also be Muslim.
But why do I even bother?
My identity has never been received in the best way.
If I know who I am.
Not everyone else got to believe me, even though they are
wrong don't need to prove them right.
Opinions irrelevant.
No one benefits.
I am black and Muslim two identities that complements
me.

It's evident.

# IMIBUZO NEEMPENDULO

## HANAFI Q&A

**Q. Ingaba kuvumelekile na Ukubamba ivesi ze Quran kwi Screen se computer, iPad, phone okanye laptop xa ungenayo iWudhu?**
A. Akuvumelekanga Ukubamba iivesi zeQuran kwi screen se computer, iPhone, laptop kunye nephone xa ungenayo iWudhu. Ngoko lwam uluvo ngoko nangoko xa ivela ivesi yeQuran kwi phone yakho kufanele ungayibambi kwayona iPhone, kuba nayo ngoku kusebenza imithetho yeQuran kuyo. Allah Ta'ala knows best

**Q. Kuba u-ABSA bank enezabelo ze51% ku Edgar's kunye no Woolworths , ingaba kuvumelekile na ukuba iMuslim uphangele kuzo?**
A. Nasekubeni ibank inezabelo kwezi venkile kuvumelekile ukuphangela kuzo. Allah Ta'ala knows best

**Q. Ingaba kuvumelekile na ukuqalisa ifast okanye ukuyigqibezela ngelisha kufuneka wenze ighusl elunyanzelo?**
A. Kufuneka umntu azame kangangoko anako ukuba ahlale ecocekile, kodwa ifast iyomnkeleka. Allah Ta'ala knows best



# RECIPE
## Coconut Biscuit

45 min Prep Time
1 hr 15 min Total Time

Makes 48 Cookies

### METHOD

**Step 1:** Beat the butter and sugar together until creamy.
**Step 2:** Add the eggs and beat again.
**Step 3:** Add the desiccated coconut, baking powder and flour.
**Step 4:** Make soft dough. Roll out dough and scrape with a fork.
**Step 5:** Sprinkle with 100's and 1000's.
**Step 6:** Cut into shapes and bake at 180 degrees.

### DOUGH

250g Butter
1 cup sugar
2 eggs
1 ½ cups desiccated coconut
2 tsp baking powder
2 cups flour
100's and 1000's

**Published by Al Hidayah Centre Eastern Cape. This newsletter is distributed throughout the Eastern Cape. Contact us to advertise, or to support our projects on:**
**041 492 2773 Mon-Fri 8.30 am - 4.00 pm**

041 492 2773 | @Hidayah_Centre | hidayah_centre | Al Hidayah Centre | info@alhidayah.co.za | 18 Bonaventure Crescent, Port Elizabeth

AL HIDAYAH CENTRE EASTERN CAPE